URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Sharmila Gordon**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Sharmila.Gordon@westerncape.gov.za | 021 467 2626

Inombolo yefayili: 19/2/2
Isalathiso: 20241203-9030

INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo: 0023/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke neSatifikethi seMatriki

**Isihloko: Imihla namaxesha amiselweyo olawulo lovavanyo ngo-2025**

1. Le ngcaciso imfutshane iqulethe imihla emiselwe iinkqubo zolawulo lovavanyo nemihla namaxesha amiselweyo ngo-2025.

2. Ikota zesikolo zango-2025 zimi ngolu hlobo lulandelayo:

| | |
|---|---|
| IKota 1 | (13) 15 Januwari – 28 Matshi |
| IKota 2 | 08 Apreli – 27 Juni |
| IKota 3 | 22 Julayi – 03 Oktobha |
| IKota 4 | 13 Oktobha – (10) 12 Disemba |

3. **Izicelo zezibheno ezimalunga nokudlulela kwesinye isigaba nokupasa**

| **Amaxwebhu engcaciso ePhondo** | **Umsebenzi** | **Imihla emisiweyo** |
|---|---|---|
| ISetyhula 0039/2024, yomhla we-28 Novemba 2024<br><br>ISetyhula neengcaciso ezimfutshane zinika ingcaciso ngenkqubo ekufuneka ilandelwe ukuba abazali/abagcini/ abanonopheli abangabona | Umhla wokuvalwa kokuba abazali/abagcini/abanonopheli abangabona bangundoqo *(primary caregivers)* bafake isicelo sesibheno malunga neziphumo zokudlulela kwesinye isigaba/nezokupasa zabantwana babo kwizikolo zabo. | 17 Januwari 2025 |


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

| | | |
|---|---|---|
| bangundoqo bafuna ukufaka isicelo sesibheno malunga neziphumo zokudlulela kwesinye isigaba/ zokupasa zabantwana babo/zomntwana ogcinwa ngokusemthethweni (*ward*). | Iinqununu zazisa ngembalelwano iziphumo zezicelo zezibheno ezimalunga neziphumo zokudlulela kwesinye isigaba/zokupasa kubazali/kubagcini/ kubanonopheli abangabona bangundoqo. | 24 Januwari 2025 |
| | Izikolo zibonelela ngeerejista zezicelo zezibheno ezimalunga nokudlulela kwesinye isigaba/nokupasa kubaphathi beesekethe nakubaququzeleli bovavanyo. | 27 Januwari 2025 |
| | Umhla wokuvalwa kokuba abazali/abagcini/abanonopheli abangabona bangundoqo bafake izicelo zezibheno kumlawuli wesithili oya kujongisisa isigqibo sesikolo; isicelo sesibheno masithunyelwe sisikolo kwi-ofisi yesithili. | 31 Januwari 2025 |
| | Zonke izicelo zezibheno (ezifakwe malunga neziphumo zokudlulela kwesinye isigaba nezokupasa zamaBakala 1–11 zika-2024) ziqukunjelwe yi-ofisi yesithili. | 14 Februwari 2025 |
| | Zonke iingxelo zezithili zingeniswe kwaNdlunkulu kunye ne-*database* ezalisiweyo. | 28 Februwari 2025 |

4. **Ukulawulwa kweminyinyiva (*accommodations*) nokuxolelwa (*concessions*) kwiimvavanyo.**

| **Amaxwebhu engcaciso ePhondo** | **Umsebenzi** | **Imihla emiselweyo** |
|---|---|---|
| ISetyhula 0017/2016, yomhla we-19 Apreli 2016<br><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0005/2017, yomhla we-16 Matshi 2017<br><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo | Izicelo zeminyinyiva kuvavanyo namaphepha atshintshwa apha naphaya ovavanyo:<br>• zamaBakala R–9 kwinqanaba lesikolo nakwisithili.<br>• zamaBakala10–11: Mazirekhodwe kwi-*CEMIS* kunyaka weBakala 10/11 lomfundi. (Izicelo ezitsha | Iyaqhuba inkqubo yezicelo<br>31 Oktobha 2025 |

| | | |
|---|---|---|
| 0001/2019, yomhla we-28 Januwari 2019<br><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0011/2020, yomhla we-16 Septemba 2020<br><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0004/2022, yomhla we-24 Matshi 2022<br><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0017/2024, yomhla we-05 Septemba 2024.<br><br>Iisetyhula neengcaciso ezimfutshane zinika isikhokelo sokulawula iminyinyiva/ukuxolelwa kwiimvavanyo kwabafundi bamaBakala R-12 abanezithintelo ekufundeni novavanyo, lwabafundi bamaBakala 4-12 abanesicelo sokuqwalaselwa njengabafundi abangabemi bamanye amazwe abahlala isigxina kweli lizwe ukwenzela iinjongo zovavanyo. | aziyi kukwamkelwa kwiBakala 12.) | |
| | Izicelo zezibheno ukwenzela amaBakala 10-11 | 07 Novemba 2025 |
| | Izicelo zezibheno ukwenzela iBakala12 | 27 Januwari 2025 |
| | Ukuqinisekiswa kweelisti zamaphepha atshintshwe apha naphaya ovavanyo nezezixhobo zokuncedisa abafundi (*assistive devices*) (umz., *braille, large font, audio files,* njl-njl.) zabafundi abaneemfuno ezizodwa, ekufuneka zi-odolwe ngokukhethekileyo liSebe leMfundo esiSiseko. | 14 Matshi 2025 |

5. **Ukutshintshwa kwezifundo**

| Amaxwebhu engcaciso ePhondo | Umsebenzi | Imihla emiselweyo |
|---|---|---|
| ISetyhula 0028/2016, yomhla we-30 Julayi 2016<br><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0022/2024, yomhla we-22 Novemba 2024<br><br>Isetyhula nengcaciso emfutshane yazisa izikolo | **IBakala12** – Isicelo senziwa ngumzali/ngumgcini /ngumnonopheli ongoyena ungundoqo womntwana<br><br>Kuvunyelwa utshintsho lwesifundo esinye kuphela kwiimeko ezikhethekileyo*<br><br>**Xa umfundi etshintsha iMathematika eyitshintshela kwi-* | 13 Disemba 2024 (unyaka weBakala11) |

| | | |
|---|---|---|
| ngokulawulwa nokuphathwa kwezicelo zotshintsho lwezifundo nezicelo zezibheno kumaBakala 10,11 nele-12. | *Mathematical Literacy, abe umfundi efunda isifundo i-Physical Sciences, kufuneka itshintshwe ne-Physical Sciences. Lolu kuphela utshintsho olwamkelekileyo kwiBakala 12.* | |
| | **IBakala12** – Inyathelo lesikolo kwi-*CEMIS* | 24 Januwari 2025 (Unyaka weBakala12) |
| | **IBakala11** – Isicelo senziwa ngumzali/ngumgcini womntwana/ ngumnonopheli ongoyena ungundoqo womntwana<br><br>Kwamkeleke utshintsho lwezifundo ezibini | 28 Matshi 2025 |
| | **IBakala11** – Inyathelo lesikolo kwi-*CEMIS* | 17 Apreli 2025 |
| | **IBakala10** – Isicelo senziwa ngumzali/ngumgcini womntwana/ ngumnonopheli ongoyena ungundoqo womntwana<br><br>Kwamkeleke utshintsho lwezifundo ezibini. | 27 Juni 2025 |
| | **IBakala 10** – Inyathelo lesikolo kwi-*CEMIS* | 01 Agasti 2025 |
| | **Izicelo zezibheno zokutshintsha izifundo –** Ukuba iimeko ezigqubayo zenza ukuba kwenziwe nasiphi na isicelo sokutshintsha izifundo, siya kuvavanywa ngokweemeko zokufaneleka kwaso<br><br>**IBakala10 nele-11** – Ngumququzeleli wovavanyo wesithili<br>**IBakala12** – nguNdlunkulu | Abazali/abagcini /abanonopheli abangabona bangundoqo bafaka isicelo sesibheno esikolweni **kwintsuku ezisixhenxe** ngesicelo esikhatyiweyo.<br><br>Izicelo zezibheno ziya kuthathelwa ingqalelo **kwintsuku ezi-10** zifunyenwe nguMlawuli oyiNtloko weCandelo loVavanyo neeMviwo, yaye isigqibo sakhe sesokugqibela. |

6. **Ulawulo lwezitenxo zovavanyo oluqhubekela esikolweni**

| **Amaxwebhu engcaciso ePhondo** | **Umsebenzi** | **Imihla emiselweyo** |
|---|---|---|
| <u>Anxulumene nomgaqo-nkqubo:</u><br>ISetyhula 0016/2017, yomhla we-12 Apreli 2017<br><br><u>Ulawulo lwezitenxo zovavanyo:</u><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0006/2017, yomhla we-15 Matshi 2017<br><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0013/2017, yomhla we-24 Agasti 2017<br><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0010/2021, yomhla we-30 Julayi 2021<br><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0017/2023, yomhla we-12 Oktobha 2023<br><br>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0021/2024, yomhla we-11 Oktobha 2024 | IKomiti ejongene neZitenxo zoVavanyo (*SAIC*) yenza ingxelo kwisithili | INgxelo yeKota1 (nengxelo yezitenxo engachazwanga kwingxelo yangaphambili)<br><br>**24 Matshi 2025** |
| | IKomiti ejongene neZitenxo zoVavanyo kwiZithili (*DAIC*) yenza ingxelo KwaNdlunkulu | INgxelo yeKota1 (nengxelo yezitenxo engachazwanga kwingxelo yangaphambili)<br><br>**11 Apreli 2025** |
| | IKomiti i-*SAIC* yenza ingxelo kwisithili | INgxelo yeKota 2 (nengxelo yezitenxo engachazwanga kwingxelo yangaphambili)<br><br>**23 Julayi 2025** |
| | IKomiti i-*DAIC* yenza ingxelo KwaNdlunkulu | INgxelo yeKota 2 (nengxelo yezitenxo engachazwanga kwingxelo yangaphambili)<br><br>**01 Agasti 2025** |
| | IKomiti i-*SAIC* yenza ingxelo kwisithili | INgxelo yeKota 3 (nengxelo yezitenxo engachazwanga kwingxelo yangaphambili)<br>**03 Oktobha 2025** |
| | IKomiti i-*DAIC* yenza ingxelo KwaNdlunkulu | INgxelo yeKota 3 (nengxelo yezitenxo engachazwanga kwingxelo yangaphambili)<br>**20 Oktobha 2025** |

| | | |
|---|---|---|
| | IKomiti i-*SAIC* yenza ingxelo kwisithili | INgxelo yeKota 4 nengxelo yezitenxo engachazwanga kwingxelo yangaphambili) **05 Disemba 2025** |
| | IKomiti i-*DAIC* yenza ingxelo KwaNdlunkulu | INgxelo yeKota 4 (nengxelo yezitenxo engachazwanga kwingxelo yangaphambili) **12 Disemba 2025** |

7. Kucelwa iinqununu ukuba zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala nabazali ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-12-04